

JANYUWARI 2016

**24 Hour Emergency Fire Brigade 028 313 8000/8111  
028 312 2400**

# Bulletin

**Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni**

## IOkhestra yaseCamphill ifudumeze intliziyo kaSodolophu



**Umbhexeshi nenxila lomculo eliqeqeshiweyo, uChristof Reppel, okhokela i-Camphill Farm School Orchestra kwaye yeendibano ezininzi zokudlala umculo ebezenziwe ngesithuba sexesha lenkosathi yeKrisimesi.**

Kwingqatsini yelanga langolwesibini wama-24 Novemba, inye kuphela into ethe yagqwesa elo langa kwi-Hemel-and-Aarde Valley eyimbalasane ngumculo ochulumancisayo obudlalwa yi-Camphill Farm School Orchestra phantsi kwesandla sombexeshi nenxila lengoma elaziwayo, uChristof Reppel.

Iingqulelo ezidlamkiso zika-"Frere Jacques" - nezaziwa njengo-"Vader Jakob" - zidibene nengoma ebuhlungu ka-Kumbaya kunye nothotho lweengoma ezingummangaliso eziqanjwe nguReppel buqu zithe zenza ebebezimase lomsitho weKrisimesi walo mbutho banombilini - ngakumbi indwendwe elibalulekileyo, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie.

Liquka ababethi-magubu nabadlali bekatali, bonke bavela kwingingqi yaseCamphill, le okhestra idibana rhoqo ngorhatya lwemiVulo ukubetha izixhobo zabo bekhathiswa nguReppel odlala ifleyiti kunye nomfazi wakhe, uElizabeth kwipiyano.

Ngokwemveli bavela e-UK, abakwaReppel banikele ngexesha labo elininzi kule okhestra kule minyaka isibhozo idlulileyo, kwaye ukuba inkosathi yabo yinto esinokubambela kuyo, akukho mathandabuzo ukuba maninzi kangakanani amaqonga elidele eli qela lizimisele kangaka labaculi abasakhasayo.

Yena buqu, uElizabeth ngumdlali-nodoli oveleleyo kwaye uqeqesha ulutsha kunye namaqela enomdla avela kwingingqi yaseZwelihle obu bugcisa kule minyaka mibini idlulileyo.

Phantsi koqeqesho lingqongqo lukaElizabeth, abadlali-nodoli abasaqeqeshwayo abasebebatsha benza imiboniso emininzi ngesiXhosa nangesiNgesi kumatheko amanzi aseOverstrand kwaye besebenzela ukwandisa izinga labo kunye nokwandisa indawo abasebenza kuyo.

Ebulela uSodolophu ngokuthabatha ixesha lakhe aze kuzimasa eli theko leKrisimesi yoluntu, uSam Hodson, ongumPhathi we-Camphill Farm Community uthi, "Nkosikazi Sodolophu, uyathandwa kakhulu sithi kunye namalungu kwaye ndikonwabele ukuthi ube phakathi kwethu apha namhlanje ukubhoyizela uvuyo lweKrisimesi kwaye wabelane nathi ngomoya wobulali ophakathi koluntu lwethu".

Ngolwazi oluthe vetshe nge-Camphill Community Farm, qhagamshelana noMichelle van Zyl kwa-028 312 4949 okanye 082 565 3627 okanye uthumele i-imeyili kwa-michelle@camphill-hermanus.org.za. UChristof noElizabeth Reppel kungaqhagamshelwana nabo ngokubafowunela kwa-071 482 1975 okanye ubathumele i-imeyili kwa-fairytalepuppets@gmail.com.

## IRatesClearance.com ityala imithi koomasipala abangama-38

*Inkqubo engasebenzisi-maphepha inika imali inyathelo lokutyala uhlaza*

IKorbitec ye-RatesClearance.com ityala imithi eli-111 kuMzantsi Afrika uphela ngesi sithuba sikaNovemba nge-Food & Trees for Africa. Le mithi ifunyenwe ngoomasipala angama-38 nabathe bathabatha inxaxheba kwiPhulo i-"Grow Your Tree" le-RatesClearance.com.

"Ngokukhupha iziqinisekiso zokuhlululwa kweenkonzo ngekompuyutha kwaye kusetyenziswe kwakhona amaphepha, sinika ixesha iplanethi yethu ixesha lokuba izivuselele. Kodwa ke ngokuthi sityale imithi, sikwayinceda ukuba ifikelele koko ngokukhawuleza. Kungenxa yoku iRatesClearance.com isindleko iPhulo "Khulisa uMthi Wakho" utshilo uCher Chapple, ongumPhathi weN-tengiso kuZwelonke kwi-Korbitec Municipal Solutions

IRatesClearance linyathelo lobugcisa elisisisombululo seekompuyutha ukuncedisana noomasipala ukulungelelanisa nokukhupha amanani neziqinisekiso zeentlawulo zeenkonzo. Iqonga leRatesClearance.com likwafezekisa unxibelelwano phakathi koomasipala kunye namagqwetha ukunceda ukukhawulezisa inkqubo yodluliselo.

Njengexalenye yeli Phulo "Khulisa uMthi Wakho", iRatesClearance.com idibene ne-Food & Trees for Africa (FTFA), elishishino elingendalo esingqongileyo nentlalo lokuqala kuzwelonke eMzantsi Afrika. IFood & Trees for Africa isebenzela ekufezekiseni ikamva elinekhlabhoni ephantsi, neliqhubekakayo nelinempilo ngokuphuhlisa, lilawule kwaye likhuthaze ukutyala kohlaza, amanyathelo ngotshintsho lwemozulu, ulawulo lwemithombo yendalo ngokuhubekekayo, ukufama ngokwendalo kunye neenkqubo zokhuseleko lokutya.

Oomasipala abathabatha inxaxheba abangama-38 bazibandakanya neRatesClearance.com, bangabona umfanekiso omncinane kwideshibhodi yekompuyutha yabo. Ngalo lonke ixesha umasipala ekhupha isiqinisekiso seentlawulo zeenkonzo kwikhompuyutha, lomthi uyakhula. Xa umthi uhlala ngokupheleleyo, iRatesClearance.com ityala umthi wenene ibambisene neFTFA egameni likamasipala endaweni ekhethwe ngulo masipala. UChapple uyacacisa, "ngokuncedwa ngoomasipala, iRatesClearance.com ingonga umthi omnye rhoqo kukhutshwa izicelo ngekompuyutha ezingama-600, ukongeza koko kube kuncedwa ukubuyiselwa kwendalo esingqongileyo ngokuthi kutyalwe imithi emitsha. Sibambisene, singonga imithi engaphezu kwama-40 ngenyanga."

Ekupheleni konyaka ngamnye, umasipala ngamnye uya kuwongwa ngesiqinisekiso esibonisa ukuba mingaphi imithi ethe yatyalwa egameni likamasipala kwaye kukwamkelwe igalelo lawo ngakwamkama lendalo eqhubekakayo.

UChris Wild ongumLawuli ngokwesigqeba kwiFood & Trees for Africa uthi, "Obu bugcisa linyathelo elikhulu ngakulawulo lomasipala oluhambelana ngendalo esingqongileyo. Sisebenza noluntu oludinga kakhulu imithi, kwaye le projekthi ixhasa ezi nzame zethu. Ndivuyiswa kukuba ilinyathelo eliqhubekakayo nelizikhulelayo neluya kuqhubeka likhula."

Ukuza kuthi ga ngoku, iFTFA itha yahambisa ngaphezu kwezigidi ezi-4.2 zemithi kwaye sele iphuhlise amawaka eegadi zokutya kwendalo, iiprojekthi zebhambu kunye neefama ezifama ngokwendalo kwiindawo ebezikade zivinjwe amathuba ngaphambili. Ithe yavelisa ikhatyuleyitha yokuqala yokubala ikhabhoni eMzantsi Afrika, i-Carbon Protocol of South Africa kunye ne-Climate Hero Awards Africa.

IKorbitec yinkokheli emiselweyo kuphuhliso kwezisombululo ngamanyathelo etekhnoloji kushishino ngepropati eMzantsi Afrika. Yimveliso ekhuselekileyo nenokhuselo, izisombululo kunye namakhonco ekompuyutha ayaphuhlisa ukuze kuzuze bonke abagalelo ababandakanyeka kwinkqubo yodluliselo lwepropati kwaye isetyenziswa ngabathengi, iirente zothengiso zindlu, amagqwetha onikezelo, iofisi yobhaliso lwepropati, oomasipala bengingqi, amaziko aphambili ezimali, kunye namasebe karhulumente.



**Isebe lezerhafu lase Overstrand "Izifumanele" imithi emithathu okwangoku, ebityalwe kwisakhiwo esisecaleni kwe nkundla kamasipala ngo lweSine umhla we 19 KuNovember ka 2015.**

# UKUTSIBA ISITRO

Izitro zeplastiki zezinye zezinto kwezi-10 ukufumaneka xa kucocwa amanxweme kwihlabathi lonke. Zingabonakala zicininane kwaye zingabalekanga kodwa ukuba uqwalasela izitro ezizigidi ezingama-500 ezisetyenziswa ngosuku e-US qha, yiplastiki eninzi kakhulu leyo. Xa kuqikelelwa, i-80-90% yemvuthuluka eselwandle yiplastiki kwaye ithabatha amakhulu eminyaka iplastiki ukuze ibole ibe ngamasuntswana amancinane nawo lawo athi abangele umbhodamo kubomi baselwandle kwaye, eyona nto imbi, kukuba angena abe yinxalenye yokutya esityayo.

Inyathelo nje elilula lokucacisa "andisifuni istro" xa uodola isiselo ereztyu okanye ebharini nelihamba nokuba amashishini akunike isitro xa uthe wasicela kungenza umahluko omkhulu. Asikuba iya kucutha isixa seplastiki kwinkukuma yethu, kodwa amashishini aya kuzuza ngokwezimali kwaye acuthe umthamo womsebenzi weqela lolawulo lwenkukuma eOverstrand.

Nangona izitro zingayinzuzo kubantu abaphila nokukhuzeka kunye nabo bafumana kunzima ukutya abanjengabantu abadala nababuthathaka, nalapho, izitro eziphinda zisetyenziswe zingalibebo elingcono nanjengoko ziza kuhlanjwa kwaye zisetyenziswe amaxesha amaninzi.

Abantu abaninzi basebenzisa izitro yonke le mihla bengakhange baqaphele ukuba emva nje kwamathambo amane namahlanu, istro siphelilewa bubomi bokusetyenziswa. Ngenxa yesayizi encinane nokubalula kwazo, ziphuma lula kwiminqomo ephuphumayo yenkukuma okanye ziphaphatheka lula kuphezulu womhlaba etipini. Amaxesha amaninzi, ziphelela kwimibhobho yezikhukula, emilanjani de ziye kutsho elwandle.

Okona kungcono kungekanye kwistro, kukungabikho kwestro tu kwaphela. Kodwa ukuba kuthe kwafuneka ukuba sebenzise esinye, khetha istro esenziwe ngebhambu, ngenkcenkce, ngeglesi okanye ngeplastiki etyebi-



leyo. Kwiiresty, elona cebo lingelinye ingakukusebenzisa izitro zephepha okanye izitro ezenziwe ngento ebuplastiki ebolayo eyaziwa njenge-poly-lactide (PLA) neveliswa kwimithombo engaveliswa kwakhona enjengembona okanye idiza leswekile.

IOverstrand ikwiphulo lokubhangisa nayiphi na iplastiki esetyenziswa kanye nokuba iloluphi na uhlobo. Nangona kunganzima ekuqaleni ukuthi "hayi kwistro" xa uodola isiselo okanye kumashishini kutshintsha ingqondo, yiba nomfanekiso-ngqondweni wokuba ubomi obuselwandle kungabulela kangakanani xa oko kungangumkhwa nje omhle kuthi.

## Yonga amanzi ulungiselela ikamva eliqhubekayo

Abahlali bekunye nabandwendweli bayacelwa ukuba basebenzise amanzi ngobunono, ngakumbi ngeli xesha leholide ngenxa yokunyuka kwemfuneko kunye namazinga obushushu aphezulu. Ezi meko kulindeleke ukuba zigqongise de ibe nguEpreli nalapho zingakhokelela kutshintsho kwiphatheni yokuna kwemvula, oko kuthethe ukuba ivula ingana kuphela ekupheleni kukaSeptember.

USodolophu uNicolette Botha-Guthrie uthe walumkisa abahlali ukuba basebenzise amanzi ngobunono nangona zingemisela izithintelo ngokwangoku. "Sihlangane singaqinisekisa unakekeli nokonga amanzi ngendlela esebenzayo," ibingumyalezo wakhe lowo.

Abasebenzisi bamanzi bayakhunjuzwa ukuba ngokomthetho we sahluko 46(1) womasipala wase Overstrand umthethwana wonikezelo lwenkonzo zamanzi, ukuncenkceshelwa kwegadi neloni phakathi kwentsimbi ye 09:00 ne ye 17:00 akuvumelekanga. Unkcenkceshelo lwegadi neloni emithi liqhashile ilanga kubangela inkcitho yamanzi efikelela kwiminye ye 60% kuba ubushushu bujika amanzi abengumphunga.

## Amacebo okonga amanzi

*Khusela okusingqongileyo ze wonge: Ilula njalo nje!*

Nabani na angawonga amanzi: amaqhinga alula nothusayo athile angasinceda ukukhusela indalo esingqongileyo kunye nokucutha ukusetyenziswa kwamandla. Ngamanye amaxesha yinto yobugcisa obuphezulu kodwa ngamanye amaxesha yinto edingekayo nje kukufake isili entsha. Enye into kukwenza nje utshintsho oluncinane kwimikhwa yethu yamihla le. Kubalulekile kunangaphambili ukonga amanzi ngenxa, xa ujonge kwicala lobugcisa, ukubonelela ngamanzi aselwayo kunye nokucoca amanzi amdaka kubiza ixabiso eliphezulu kakhulu. Xa sijonga konke okukufuphi nathi siya kuqaphela ukuba kwakhiwa izindlu zasezidolophini kwaye kwakhiwa imizi-mveliso ekhuphisana ngokufumana lo mthombo unqongophelayo: amanzi okusela.

**Xa uhlamba izandla zakho, uxukuxa okanye ucheba iindevu, musa ukuyeka amanzi aqhubeka aphume.** Ngokuxhomekeke kwisixubi, malunga neelitha zamanazi ezi-5 ukuya kwezingama-20 zilahleka ngale ndlela - rhoqo ngomzuzu! Wavale amanzi xa ungawadingi okanye sebenzisa ikomityi yokuxukuxa. Ukucheba

iindevu usebenzisa amanzi kudinga nje amathontsi ambalwa amanzi nongawagalela kwithabhu ngaphambi kokucheba.

**Ukuthontsiza kwamanzi wenza ilahleko yamawaka eelitha zamanzi qho ngonyaka.**

Xa ujonge nje, isixubi esithontsizayo singabonakala sisincinane okwanguku kwityala lamanzi womntu omnye. Kodwa xa uthotho lwemizi luza kuthontsiza amanzi oko kuthetha usetyenziso olongezekileyo kolo luntu kwaye kongeza imfuneko yokucocwa kwamanzi ongezekileyo kungekho sidingo. Cinga ngendalo ezingqongileyo kwaye uvingce isixubi sakho ngoko nangoko.

**Ngabhafu egcweleyo udinga malunga ne-140 leelitha zamanzi.**

Ukushaw kona kusebenzisa amanzi amancinane. Ngeshawa ethabatha imizuzu emithathu, usetyenziso lwamanzi ziilitha ezi-18 - kungekho

kungakonwabeli ukuhlamba.

**Inxalenye eninzi yamanzi okusela ngamanzi asetyenziselwa ukugungxula ithoyilethi.**

Ukufaka iqhosha lokuvala ukuphuma kwamanzi xa ugungxula okanye isixokelelwano esigungxula kabini kungalulutho ngakumbi ukugungxula kuncinane akungedluli kwiilitha ezi-3 zamanzi. Oko kungonga ngaphezu kweelitha ezi-8,000 zamanzi aselwayo ngomntu ngonyaka.

**Sebenzisa amanzi kabini: Oko kungakongela amanzi.**

Usetyenziso lwamanzi amdaka kancinane avela kwiishawa okanye kwibhafu (okanye oku kuthiwa ngamanzi angwevu) yinto enokuhlakanipha kakhulu. Oku konga amanzi okusela amaninzi kakhulu. Ukuba icwangcise kwangexesha, le teknoloji kungalula ukuyihlanganisa kulwakhiwo olutsha.

**Izixhobo ezisebenzisa amanzi: Thabathela ingqalelo ukusetyenziswa kwamandla ngokufanelekileyo nobukhulu.**

Xa uthenga umashini wokuhlamba impahla okanye izitya omtsha, thabathela ingqalelo udidi kusetyenziso lwamandla ngokufanelekileyo kwaye khetha udidi olungu-A okanye, okungcono kunoko, imodeli engu - A+ okanye A++.

Sebenzisa amanzi ngobunono: Musa ukusebenzisa iimashini zokuhlamba impahla okanye izitya zingagcwelanga. Layita umashini wakho xa uthe wagcwala ngokuphelelyo. Amaxesha amaninzi, inkqubo yokusokisha xa upula okanye uhlamba ayisosidingo.

**Cinga ngendalo esingqongileyo xa uhlamba imoto.**

Khetha indawo yokuhlamba imoto ewasebenzisa kaninzi amanzi wayo ngokuthi iwacoce ngesixokelelwano sovuselelo esisusa ioyile. Indawo yokuhlamba imoto ekhathalele indalo esingqongileyo enjengale ayikuboneleli ngemoto ecocekileyo kuphela kodwa nangokuqaphela indalo esingqongileyo.

